SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

**QAPHELA**

- Esi sikhokelo sokumakisha senzelwe ukuba sibe sisikhokelo kubamakishi.
- Asenzelwanga ukuba sibe ngummiselo ogqibeleleyo.
- Iimpendulo zabafundi mazithathelwe ingqalelo ngokokuchaneka kwazo.
- Iimpendulo mazihlolwe ngokupheleleyo namanqaku anikezelwe apho kufuneka anikezelwe khona ngokwezigqibo ezithatyathwe kwintlanganiso yokubeka umakisho emgangathweni.
- Isikhokelo sokumakisha siya kuxoxwa phambi kokuba kuqalwe ukumakisha.

**IMIYALELO KUBAMAKISHI**

**Umakisho lwesicatshulwa sokuqonda:**

- Ngenxa yokuba kugxininiswa ekufundeni ngokuqonda, akufanelekanga ukuba upelo olugwenxa neemposiso zolwimi kwiimpendulo zezivakalisi zinyityelwe amanqaku ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo yempendulo elindelekileyo. Iimposiso ezikhoyo maziqatshelwe ngokukrwelelwa.
- Kubaviwa abasebenzisa amagama athatyathwe kolunye ulwimi ngobunjalo bawo, olungesiso isiXhosa, musa ukuwathathela ingqalelo lawo magama anjalo, kananjalo banganyityelwa manqaku xa ngaba iimpendulo ezinikiweyo zinembadla. Ngokunjalo ukuba igama elisuka kolunye ulwimi lusetyenziwe kwitekisi kwaye impendulo ifuna elo gama, oko kwamkelekile.
- **Kwimpendulo apho ziliqela iimpendulo ezichanekileyo** akunikwa manqaku ngeempendulo ezingu-EWE/HAYI, NDIYAVUMA/ANDIVUMELANI kuphela. Anikwa kuphela ngesizathu/ukuxhasa/nokuzakuzelela impendulo.
- AKUNIKWA manqaku ngeempendulo ezingu-YINYANI/BUBUXOKI, okanye YINYANI/LULUVO kuphela. Anikwa kuphela ngesizathu/ukuxhasa/nokuzakuzelela impendulo.
- Apho kulindeleke iimpendulo ezigama linye aze umviwa anike isivakalisi, nika amanqaku **ukuba ngaba** igama elifanelekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi okanye ligqanyisiwe.
- Kwimibuzo apho kulindeleke iimpendulo ezimbini/ezintathu, aze umviwa adwelise uluhlu lweempendulo, makisha **kuphela** ezimbini/ezintathu zokuqala.
- Iilwimi zengingqi neziyelelani zesiXhosa zamkelekile.
- Kwimibuzo ekulindeleke ukuba umviwa akhethe impendulo echanekileyo, makwamkelwe zombini, ukutsho oko unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE nempendulo echanekileyo ebhalwe ngokuzeleyo.



SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za


This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

**ICANDELO A: ISICATSHULWA**

**UMBUZO 1: UKUFUNDELA INTSINGISELO NOKUQONDA**

1.1 Kukwahluka kwendlela okutolikeka ngayo ukusebenza komlilo.√/siyawoyika, siyawufuna.√
(Nayiphi na kwezi) (1)

1.2 Ziintetho zabantu zemihla ngemihla√/zizenzo zabantu zemihla ngemihla√/ ziimvakalelo zabantu zemihla ngemihla.√
(Nasiphi na isibini kwezi) (2)

1.3 Bawusebenzisele ukubhiyozela unyaka omtsha√/ukugxotha umshologu√/ ukuqhankqalaza√/ukunyanzelisa urhulumente ukuba asombulule ingxaki yabo.√
(Nasiphi na isibini kwezi) (2)

1.4 Ziimvakalelo zokonwaba√/ezokubanomsindo√/ezokoyika.√
(Nasiphi na isibini kwezi) (2)

1.5 Mhlawumbi√/ingathi √ (2)

1.6 Iwathatha kokuya kufanekiswa kwento namanqanaba okuvutha komlilo.√ (1)

1.7 kuba.√ (1)

1.8 Ii-*emoji* ezingumlilo zifukama zichukumise iimvakalelo zothando, ezovuyo nolonwabo kutsho kuphele ukoyika. √ (1)

1.9 Sisebenze ukuncoma kuba intsingiselo yesimamva iveza ukubuka iziphumo zalo mlilo kwezi ntliziyo. √√

**OKANYE**

Sisebenze ukuphoxisa kuba ngokwenjongo ayiphoxisi kodwa ingagqibela iphoxisa kumntu oyifunda ngenjongo yokugxeka isimbo sobebhala. √√ (2)

1.10 Sikukubobotheka√/ sikukuncuma√/ ukuxhuma√/ ukunyuka usehla√/ ukwakha amaxhaga.√
(Nayiphi na kwezi) (Impendulo mayibe ngento ebonakalayo.) (1)

1.11 Sesokukhumbula iziqwenga ozenzayo umlilo. √
(Makubekho ukukhumbula ukuze yamkeleke impendulo.) (1)

1.12 Kuchanekile kuba umsindo odlwayizayo awulawuleki ungenza umnikazi adale ingozi nanjengokuba nomlilo ovutha amalangatye ungalawuleki uze udale ingozi√√ /kuba umsindo odlwayizayo ufuna ukulindwa uthothe nomlilo odlwayizayo ufuna ukulindwa ude uthothe√√/ kuba umsindo odlwayizayo awuqandeki nomlilo odlwayizayo awunqandeki.√√ (2)

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za


This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

1.13 Yeyokuba umlilo nokuba mncinci kangakanani kumntu osengxakini unika ithemba.√√ (2)

1.14 Abupheleli ubuchule bokuchaza ukubangumlilo komlilo de oqondiswayo abe wayekhe wawubona ukwimeko ekuqondiswa ngayo.√ (1)

1.15 Sizithatha izagwelo kwiintlungu ozenza ebantwini umlilo√/ kulonwabo abantu abalufumana kuwo.√ (1)

1.16 Ngabantu abafuna ukwazi ngokuxaka komlilo√ kuba isicatshulwa sinabe ngokuxaka komlilo kwiimeko osetyenziswa kuzo ekuthetheni.√/Ngabantu abazi icala elinye lomlilo√ kuba isicatshulwa siveze amacala amaninzi omlilo.√
(Nayiphi impendulo echanekileyo) (2)

1.17 Kuyaphekwa√ kuyothiwa√ /uyakhanyisa.√ (2)

1.18 Uyaluxhasa kuba umntu osemfanekisweni wonwabele ubushushu bomlilo ngokuwotha. √√/ Uyaluxhasa kuba emfanekisweni kukho iimbiza ezibonisa ukuba bekuphekiwe.√√/ Uyaluxhasa kuba emfanekisweni kukho iimbiza nto leyo ebonisa ukuba kuphekwa kwangalo mlilo. √√
(Makathethe ngomfanekiso angathethi ngomlilo.) (2)

1.19 Uyazithoba kuba udaba lobuso bomntu okumfanekiso ludiza ukonwaba kwaye umlilo uwubase ngendlela efundisa ukuwusebenzisa khuselekileyo.√√

**OKANYE**

Uyazinyusa kuba kohleli ewoyika umlilo angoyika ukuvaleleka ekuthethwa ngako kumhlathi wesi-6.√√
(Nayiphi impendulo echanekileyo) (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**


SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za


This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

## ICANDELO B: USHWANKATHELO

## UMBUZO 2: UKUSHWANKATHELA NGAWAKHO AMAZWI

Sebenzisa ezi ngongoma zingundoqo zilandelayo ekufuneka zibandakanywe ngabaviwa kwisishwankathelo **njengesikhokelo**.

Ukumakisha isishwankathelo kusekwe ekugqaliseni iingongoma ezingundoqo.

Isishwankathelo masimakishwe ngolu hlobo:

Naziphi iingongoma ezichanekileyo ezisi-7 ezibhalwe ngokomhlathi mazimakishwe. (Izivakalisi mazinamathelane.)

| UCAPHULO | | | IINGONGOMA |
|---|---|---|---|
| 1. | Unokuqinisekisa ukuzola ngokulawula indlela aphefumla ngayo ukwenzela omameleyo abone kufanelekile ukuba aphulaphule ukuze aqonde. | 1. | Ukuze abenozinzo xa esenza intetho kubalulekile ukulawula indlela aphefumla ngayo ukuze azole azithembe. |
| 2. | Makathethe ngethoni ephantsi, azole ukuze ubetheleleke umyalezo wakhe. | 2. | Unokukuthethela phantsi angakhwazi ukuze umyalezo ubetheleleke kubantu abamameleyo. |
| 3. | Abantu banokukusebenzisa ngengqiqo ukunqumama ukuze bahlale bezolile bangaphahluki. | 3. | Makasebenzise ukunqumama ngengqiqo ukuze ahlale ezolile angaphahluki. |
| 4. | Icebiso lisekubeni aze seleziqwebile iimpendulo zemibuzo enokuvela. Kumenza azole, angoyiki, azithembe nokuzithemba kwintetho yakhe. | 4. | Makazilungiselele ukuze abenokuzola azithembe ngokuqweba iimpendulo zemibuzo enokuvela engekayinikezeli intetho. |
| 5. | Makazihloniphe izithethi kunxibelelwano nabantu okanye umntu axoxa naye nangokumana eshwankathela iziqanaqwana zengxoxo yabo kanye apha phakathi engxoxweni. | 5. | Makahloniphe ezinye izithethi kunxibelelwano ngokuthatha amanqakwana engxoxo ukuze abenokuzola. |
| 6. | Zola ukhulise umyalezo wentetho okanye ingxoxo okuyo ngokuchana izijekulo kuba ziqinisekisa ukubandakanyeka komntu wonke. | 6. | Makazisebenzise ngokuchanekileyo izijekulo ezihambelana namazwi ukuze aqinisekise ukubandakanyeka kwabaphulaphuli. |
| 7. | Qinisekisa ukuzola nokuzithemba ekudluliseni umyalezo ngokusebenzisa umzimba okhululekileyo.<br><br>**[75 amagama.]** | 7. | Ngokukhulula umzimba angawubambi abantu bangambona njengomntu ozithembileyo.<br><br>**[63 amagama.]** |

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

**UKUBHALWA NGOKOMHLATHI**

**QAPHELA:** Oku kulandelayo ngumzekelo nje kuphela. Akungommiselo kwaye makusetyenziswe ngobuchule.

**UMHLATHI**

Ukuze umntu abenozinzo kwiintetho neengxoxo zakhe kubalulekile ukulawula indlela aphefumla ngayo kuba uyazola azithembe. Unokuthethela phantsi angakhwazi ukuze umyalezo ubetheleleke kubantu abamameleyo. Makakusebenzise ukunqumama ngengqiqo ukuze ahlale ezolile angaphahluki. Makazilungiselele engekayinikezeli intetho ngokuqweba iimpendulo zemibuzo enokuvela ukuze abenokuzola azithembe. Makazihloniphe ezinye izithethi kunxibelelwano ngokuthatha amanqakwana engxoxo ukuze naye abenokuzola. Makazisebenzise ngokuchanekileyo izijekulo ezihambelana namazwi ukuze aqinisekise ukubandakanyeka kwabaphulaphuli. Okokugqibela makakhulule umzimba angawubambi ukuze abantu bambone njengomntu ozithembileyo.

**[67 amagama]**

**Ukumakisha isishwankathelo:**

Ukumakisha isishwankathelo kusekwe ekugqaleni kuphela iingongoma ezingundoqo.

Isishwankathelo masimakishwe ngolu hlobo:

- **Ulwabiwo lwamanqaku**
  - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7 (inqaku ngengongoma nganye).
  - Amanqaku ama-3 olwimi.
  - Amanqaku ewonke: 10.
- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa abalingwa besebenzise amazwi abo:**
  - 1–3 amanqaku achanekileyo: Nika inqaku eli-1 lolwimi.
  - 4–5 amanqaku achanekileyo: Nika amanqaku ama-2 olwimi.
  - 6–7 amanqaku achanekileyo: Nika amanqaku ama-3 olwimi.
- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa abaviwa becaphule ngqo.**
  - 6–7 iingongoma ezicatshulwe ngqo: akunikezelwa manqaku olwimi.
  - 4–5 iingongoma ezicatshulwe ngqo: nikezela inqaku libe-1 lolwimi.
  - 2–3 iingongoma ezicatshulwe ngqo: nikezela amanqaku abe ma-2 olwimi.

**QAPHELA:**

- **Ubalo-magama**
  - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
  - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umviwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
  - Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ukuya kuma ekupheleni kwesivakalisi eliphele kuso inani eliqingqiweyo ungawahoyi alandelayo.

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

## ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

**Umakisho lweCANDELO C:**

- Upelo
  - Iimpendulo ezinegama elinye mazimakishwe nokuba upelo lugwenxa, ngaphandle kokuba isiphene sitshintsha intsingiselo yegama.
  - Kwiimpendulo ezizizivakalisi ezipheleleyo upelo olugwenxa malunyityelwe amanqaku ukuba impazamo ikwimigaqo yolwimi oluhlolwayo.
  - Xa kuhlolwa izifinyezi impendulo mayibonakalise ukusetyenziswa kweziphumlisi ngokuchanekileyo.
- Ulwakhiwo kwizivakalisi malubhalwe ngemigaqo yegrama echanekileyo nangezivakalisi ezipheleleyo/ngokomyalelo.
- Kwimibuzo ekulindeleke ukuba umviwa akhethe impendulo echanekileyo, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE nempendulo echanekileyo ebhalwe ngokupheleleyo, iyamkeleka.

### UMBUZO 3: ISIBHENGEZO NTENGISO

3.1 Ifonti eyahlukileyo yombhalo *Ray-Ban*.√/Ngumfanekiso weendondo zee*Ray Ban* okhatshwa ngowetapile elintshwencileyo.√/ziindidindidi zeefonti.√ (2)

3.2 Ndiyangqina kuba ngokwesibhengezo ukuthi, 'de uthi gxogxe *ezakwaRay-Ban'* kuyazahlula kwezinye iindondo kuba wakuzinxiba ubangumntu owahlukileyo.√√ (2)

3.3 'Uzibhutyule nobuso.' √√ (2)

3.4 3.4.1 Ngumfanekiso-ngqondweni wesikhumba/wokuphatha/wokubona√ (1)

3.4.2 Umqweqwedisa ngokudala uvakalelo lokuqhotseka kwamehlo okudala uloyiko/ngokuchukumisa izivo zesikhumba/zokubona kwaboyika ukuqhotseka kwamehlo/ngokugrogrisa ngokude abhalwe ngoonobumba abakhulu u'UQHOTSE' atsho afune iindondo zakwa*Ray-Ban* zizomnqandela.√
(Angamqweqwedisa nangokumoyikisa.- Xa esoyika ukuqhotseka angaya kuzithenga ezi ndondo.) (1)

3.5 Lichanekile kuba umntu ove intsingiselo ka 'Ungade' ekukuba iindondo zakwa*Ray Ban* ziza kunqanda ukuqhotseka kwamehlo angenza unako nako wokuyithenga.√√

**OKANYE**

Alichanekanga kuba omnye angacinga ukuba amazwi athi, u'ungade' angathetha ukuba xa uzithengile uza kuqhotseka amehlo ubhutyuke nesikhumba.√√ (2)
[Nayiphi impendulo echanekileyo.] **[10]**

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

**UMBUZO 4: IKHATHUNI**

| | | |
|---|---|---|
| 4.1 | Ngowokubonakalisa ukuba uTito uqhawulwe esathetha kwintetho yakhe/ akagqibanga ukuthetha. √√ | (2) |
| 4.2 | 'ndiza kuxe ...'.√ | (1) |
| 4.3 | B/B/olucengayo/olucengayo.√ | (1) |
| 4.4 | Unenjongo yokuxela uZuzu ngokuzenza ngathi akaboni nto. √√/ Ngokuzigquma ufuna ukumxela ekholelwa ukuba xa ekwimeko yokungaboni nto akasaphulanga isithembiso sokungaxeli. √√ | (2) |
| 4.5 | Ndiyangqina kuba isenzo sikaTito sokuxela uZuzu kwisakhelo sesithathu asihambelani nenjongo equlethwe yintsingiselo yegama u'nokuba' kuba u'nokuba' uqulethe intsingiselo yokuba nanini/naphantsi kwaziphi iimeko akazumxelela umama.√√ | (2) |
| 4.6 | Masingabomthemba umntu oqinisekisa ukuba akazukuyenza into kuba uTito uthembise, waqinisekisa ngegama u 'nokuba' kodwa wamthengisa uZuzu kunina.√√/Masibothi xa simoshile siye kuzixela ngokwethu kuba indlela kaTito yokuxela idala ukungathembakali kukaZuzu kunina kuthenjwe uTito.√√/ Masibalumkele abangcatshi esihlala nabo emakhaya. √√<br><br>(Nayiphi na impendulo echanekileyo) | (2)<br>**[10]** |

**UMBUZO 5: IPROZI**

| | | |
|---|---|---|
| 5.1 | Ngowokubonakalisa ukuba acatshulwe ngqo amazwi esithethi.√ | (1) |
| 5.2 | ZooMasoka.√ | (1) |
| 5.3 | Ngowokuba isihlobo singumntu osisiphumo sokuhlobana ngeli xesha ubuhlobo busisiphumo sesenzo sokuhlobana.√ | (1) |
| 5.4 | ezintle√ ezinkulu√/babo. √<br>(Nasiphi isibini kwezi) | (2) |
| 5.5 | Bubuxoki, kuba isakhi siqulethe intsingiselo yokuba iimbono zabo ziwa ngokuwa/ ziyahluka√√/bathetha izinto ezingafaniyo. √√<br>(Nayiphi na kwezi) | (2) |
| 5.6 | Yenza.√ | (1) |
| 5.7 | Musa ukumcingela/sukumcingela. √ | (1) |
| 5.8 | Yeyokuba umntu makenze abanye benze.√ | (1)<br>**[10]** |

**AMANQAKU ECANDELO C: 30**
**AMANQAKU EWONKE: 70**

SA EXAM PAPERS
Proudly South African